

I Caudal Block – linkcukacha zomzali



PACSA
PAEDIATRIC ANAESTHESIA COMMUNITY OF SOUTH AFRICA

Yintoni I caudal block?

Sisitofu esiphelisa iintlungu ekugqibeleni kwamathambo omqolo, esitofwa xa sele umntwana elaliselwe utyando. Isitofu eso senza imithambo-yoluvo ingeva zintlungu kulendawo izokwenziwa utyando, sinika eyona ndlela elungileyo yokungeva zintlungu xa uzokwenza utyando ezantsi kwesibhono, ezifana noqhaqho olulungisa I “henia”, ukulungisa umbhobho lo wokuchama xa ungekho ndaweni yawo apha kwimpempe, ulwaluko, kunye noqhaqho lwemilenze. Siqhele ukususa iintlungu iyure ezintandathu ukuyotsho kwezisibhozo (6-8), kodwa elixesha liyatshintshatshintsha.

Uzuzani xa wenze icaudal block?

Umntwana wakho uzova iintlungu ezincinci okanye akazuva ntlungu emva kotyando lwakhe. Lento inceda ukwehlisa izinga lamayeza aphelisa iintlungu ngamandla anganemiphumela emibi njeke sicaphucaphu, ukurhawuzelelwa, nokwenza umntwana wakho azive esozela ngalo lonke ixesha.

Ingaba ikhona imingcipheko angakuyo umntwana wam xa esenza I”caudal block”?

Amakhulu-khulu ngama waka-waka e”caudal blocks” enziwe kwilizwe jikelele amashumi eminyaka emininzi nerekhodi zokhuseleko ezibalaseleyo. Uphando-nzulu oluninzi luqinisekile ukuba I”caudal blocks” zikhuseleke kakhulu.

Iziphumo ezimbi ziquka:

- Imilenze ebuthakathaka okanye enzima – Le yeyona nto eqhelekileyo abantu abaninzi ababanayo futhi izodlula xa sele isitofu okanye igesi”gas” ethomalalisa iintlungu obutofwe ngayo seyiphela emzimbeni, ngokuqhelekileyo lento iyedlula emva kweyure ezintathu ukuyotsho kwiyure ezilishumi eninesibini(3-12). Ngelixesha umntwana wakho kufuneka abekwe iliso xa ehamba okanye egaqa. Uwalumkele kakhulu amanzi atshisayo okuhlamba njengoko umntwana wakho ngelixesha kungenzeka angakwazi ukuweva amaqondo obushushu ngohlobo aqhele ukuweva ngalo.
- Amayeza okuthomalalisa iintlungu angonelanga – kwabanye abantwana I”caudal block” kungenzeka ingasebenzi. Ukuba lento iyenzeka umntwana wakho uzonikwa amanye amayeza ngenjongo zokuzama ukumenza akhululeke.
- Ubunzima xa uchama – inani elincinci labantwana banganzinyelwa kukuchama iyure ezimbalwa ngaphambi kokuba isitofu siphelile egazini. Lento ingafuna kufakwe uphayiphi wokuchama ukuzama ukukhupha umchamo esinyini.
- Iingxaki ezinzulu ezithi zenzeke nje ngokumosheka kwemithambo yoluvo, ukosuleleka kunye nokopha zinqabe kakhulu (zingaphantsi kwenye kumawaka alishumi ezigulane) futhi zibekwa esweni.

Ukuba kukhona eminye imibuzo nge “caudal block” yomntwana wakho, sicela ukhululeke uthethe nogqirha wakho olalisa abantwana, ozokonwabela ukuthetha nawe nangayiphi na inkxalabo ongase ubenayo.

March 2019